*Imbali yokudalwa kwezinto*

**1** Ekuqaleni uThixo wadala izulu
nomhlaba. 2 Kwakuselubala nje
emhlabeni, kungekho nto ikhoyo.
Inzonzobila yamanzi eyayigubungele
konke yayithiwe gqume sisithoko-
thoko sobumnyama. UMoya
kaThixo wafukama phezu kwaloo
manzi. 3 Wathi uThixo makubekho
ukukhanya.[a] Kwabakho ukukhanya.
4 Wakholwa ke uThixo koko
kukhanya, waza wakwahlula
ukukhanya nobumnyama.
5 Wathi ukukhanya yimini;
wathi ubumnyama bona bubusuku.
Kwahlwa, kwasa; yangumhla
wokuqala ke lowo.
6 Wabuya uThixo wathi makubekho
amajukujuku, awahlule kubini amanzi.
7 Abakho ke amajukujuku. Wawenza
ke uThixo amajukujuku, wawahlula
amanzi angaphantsi kwawo kumanzi
angaphezu kwawo. 8 Wathi uThixo
amajukujuku lawo sisibhakabhaka.[b]
Kwahlwa, kwabuya kwasa;
yaba ngumhla wesibini ke lowo.
9 Wandula uThixo ukuthi amanzi
angaphantsi kwesibhakabhaka
makaqokeleleke ndawonye, kuze
kuvele indawo engenamanzi. Kwaba
njalo ke. 10 Wathi uThixo loo
ndawo ingenamanzi ngumhlaba, waza
wathi loo manzi andawonye wona
lulwandle. Wakholwa ke yiloo nto
uThixo. 11 Ubuye wathi umhlaba
mawuvelise zonke iintlobo zezityalo,
ezo zithwala iinkozo kwanezithwala
iziqhamo, zonke ngokweendidi zazo.
Kwaba njalo ke. 12 Umhlaba ke
wavelisa zonke iindidi zezityalo, ezo
zithwala iinkozo kwanezo zithwala
iziqhamo ngokweendidi zazo.
UThixo ke wakholwa yiloo nto.
13 Kwahlwa ke, kwaza kwasa.
Lowo ke yaba ngumhla wesithathu.
14 Kwakhona uThixo wathi:
"Makuvele izikhanyiso esibhaka-
bhakeni, zahlukanise imini nobusuku,
zibe yimiqondiso yamathuba, imihla,
neminyaka." 15 Wathi: "Mazivele
esibhakabhakeni, zikhanyise
elizweni." Kwaba njalo ke. 16 UThixo
wênza izikhanyiso ezibini ezikhulu:
esikhulu sibe sesasemini, esincinane
sibe sesasebusuku. Wênza
neenkwenkwezi. 17 UThixo wazibeka
esibhakabhakeni ezo zikhanyiso,
ukuze zikhanyise elizweni,
18 zongamele imini kunye nobusuku,
nokuze zahlule ukukhanya
nobumnyama. Wakholwa uThixo
nazizo. 19 Kwahlwa, kwasa,
yaba ngumhla wesine.
20 UThixo wathi: "Makubekho
inyambalala yeendidi zezinto
ezinobomi emanzini, kubekho
neentaka eziphaphazelayo
esibhakabhakeni." 21 Wabadala ke
uThixo oominenga nezinye iintlobo-
ntlobo zezilo zamanzi, neentlobo
zonke zeentaka. Wakholwa ke
uThixo zizo. 22 Wazithamsanqelisa
zonke, wathi: "Mazande izilo
zamanzi, zinyakazele elwandle.
Neentaka nazo mazande emhlabeni."
23 Kwahlwa, kwasa, yaba ngumhla
wesihlanu lowo.
24 Kwakhona uThixo uthe umhlaba
mawuvelise iintlobo zonke zezinto
ezinobomi: oozinkomo, izinto
ezirhubuluzayo nezinambuzane, nazo
zonke iindidi zamarhamncwa. Kwaba
njalo ke. 25 Wazenza zonke ke uThixo
izilo ngokweendidi zazo, noozinkomo
ngokweendidi zazo, nezilwanyane
ezirhubuluzayo nezinambuzane
ngokweendidi zazo. Waza ke
uThixo wakholwa zezo zinto.
26 Waza ke uThixo wathi:
"Masenze umntu abe ngumfuziselo
wethu, afane nathi.[c] Makabe
negunya, alawule iintlanzi elwandle,
iintaka ezibhabha esibhakabhakeni,
iinkomo, nazo zonke izilo
nezinambuzane elizweni." 27 Wamdala
ke uThixo umntu. Wamenza
wangumfuziselo wakhe. Wadala

*a)* 2 Kor 4:6 *b)* 2 Pet 3:5 *c)* 1 Kor 11:7

umntu oyindoda kwakunye nomntu
obhinqileyo.[d] 28Wabathamsanqelisa[e]
uThixo wathi: "Yandani, inzala yenu
ilizalise ilizwe, nilongamele.
Ndininika igunya phezu kweentlanzi,
iintaka, nazo zonke izilo elizweni.
29Ndininika zonke izityalo ezithwala
iinkozo elizweni, kunye nemithi
ethwala iziqhamo. Zoba kukutya
kwenu ezo zinto. 30Ke zona iintaka
nezilo zonke ziya kutya uhlaza."
Kwaba njalo ke. 31UThixo wakholwa
kakhulu yiyo yonke indalo yakhe.
Kwahlwa, kwasa; yaba ngumhla
wesithandathu ke lowo.

2 Aba ke ngoko agqityiwe ukudalwa
amazulu nehlabathi liphela.
2Ngomhla wesixhenxe uThixo
wayeselekugqibile konke
awayekwenza, waza ke waphumla.[f]
3Wawuthamsanqelisa umhla
wesixhenxe, wawumisa wangumhla
okhethekileyo,[g] kuba ngaloo mhla
wayeselegqibile ukudala.

*Umyezo waseIdeni*

4Nanga amagqabantshintshi
ngokudalwa kwezulu nehlabathi:
Ekudalweni kwezulu nehlabathi
nguThixo *uNdikhoyo 5kwakungekho
zityalo emhlabeni. Kwakungekho
nambewu intshulayo, kuba kaloku
wayengekayinisi emhlabeni imvula
uNdikhoyo; kwakungekho namntu
wakuwulima umhlaba lowo.
6Kwagqabhuka amanzi emhlabeni,
awunyakamisa umhlaba.
7UNdikhoyo uThixo wacaphula
umhlaba emhlabeni, wabumba umntu
ngawo. Waphefumlela umoya
obubomi emathatheni akhe,
yaba ngumntu ophilayo lowo.[h]
8Emva koko uNdikhoyo uThixo
wenza umyezo eIdeni empumalanga,
wambeka apho loo mntu wayemenzile.
9Wahlumisa iindidi zemithi emihle
eneziqhamo ezinomtsalane apho
eIdeni. Phakathi esidikidikini somyezo
kwakukho umthi onika ubomi,[i]
nomthi wokucalula okubi nokuhle.
10Kwakukho umlambo
owawuphuma apho eIdeni,
unyakamisa umyezo lowo.
Wawusahlukana ube yimilambo emine
wakuyishiya iIdeni. 11Owokuqala
umlambo, okuthiwa yiPishoni,
ngulo ujikeleze ilizwe lakwaHavila.
12Kulapho kufunyanwa khona igolide,
kunye namakha avumba limnandi,
kwakunye namatye exabiso.
13Owesibini umlambo yiGihoni;
wona ujikeleze ilizwe lakwaKushe.
14Owesithathu umlambo yiTigre;
wona ucanda ngasempumalanga
yeAsiriya. Owesine yiEfrati.
15Umntu wabekwa nguNdikhoyo
uThixo emyezweni waseIdeni ukuze
awulime, awulondoloze. 16UThixo
wathi kuye: "Ungatya nakuwuphi na
umthi osemyezweni; 17kodwa uze
ungatyi kumthi wokucalula okubi
nokuhle. Mhla watya kuwo ngenene
uya kufa."
18Uthe ke uNdikhoyo uThixo
emva koko: "Akukuhle ukuba
le ndoda ihlale ililolo. Kuhle
ndiyenzele umlingane onokuncedisana
nayo."
19UNdikhoyo uThixo wayethathe
umhlaba wabumba zonke iinyamakazi
neentaka, wazisa kuloo ndoda ukuba
izithiye amagama. Zawafumana
njalo ke amagama azo ezo zinto.
20Yazithiya amagama zonke iintaka
neenyamakazi loo ndoda, kodwa
akubangakho nanye kuzo eyafanela
ukuba ngumlingane wayo.
21Usuke uNdikhoyo uThixo
wayihlisela obunzulu bona ubuthongo
obu indoda leyo. Ithe isalele njalo
wakhupha ubambo kuyo, wabuya
wayivala loo ndawo. 22UNdikhoyo
uThixo udale umfazi ngolo bambo
waluthathayo endodeni, wamsa kuyo.
23Ithe ke indoda:

*d)* Mat 19:4; Marko 10:6 *e)* ZiQalo 5:1-2 *f)* Hebh 4:4, 10 *g)* Mfud 20:11 *h)* 1 Kor 15:45
*i)* SiTyh 2:7; 22:2, 14

"Nanku ke oyena-yena!
Lithambo lamathambo am,
nenyama yeenyama zam.
Kuya kuthiwa ngumfazi,
kuba uthathwe kumfo."
24Yiyo ke loo nto indoda imshiya
uyise nonina, inamathele kumkayo,
baze babe mntu mnye.[j]
25Loo ndoda nomkayo babehamba
ze, bengenazintloni.

*Ukuwa koluntu*

3 Inyoka[k] yayisesona sidalwa
sinobuqhetseba kunazo zonke
izidalwa *zikaNdikhoyo uThixo.
Yambuza umfazi inyoka yathi:
"Ngaba kuyinyani na ukuba uThixo
uniyalele ukuba ningatyi kuyo yonke
imithi ekulo myezo?"
2"Hayi, singatya nakuwuphi na
umthi osemyezweni," utshilo umfazi
ukuphendula. 3"Ngumthi ophaya
esidikidikini somyezo qha
esingenakutya kuwo. UThixo uthe
maze singazityi iziqhamo zawo,
singaziphathi nokuziphatha oku,
ukuba asifuni kufa."
4Ithe ukuphendula inyoka:
"Hayi, anisoze nife. 5Nto nje
uyazi uThixo ukuba xa nizityileyo
iziqhamo zawo novuleka amehlo, nibe
njengaye, nikwazi ukucalula okuhle
kokubi."
6Watsho waqonda umfazi
ukuba singamnandi eso siqhamo:
siyanqweneleka, yaye sifanele ukunika
ulwazi. Wakha, watya; wanika
nomyeni wakhe owayekho, naye
watya. 7Bathi bakugqiba ukutya
kwatsho kwee dlwe, avuleka amehlo,
baziqonda ukuba bahamba ze.
Bathunga amagqabi omkhiwane,
bazambhathisa.
8Emva koko beva isandi
sokuhamba kukaThixo uNdikhoyo
emyezweni ukujika kwelanga.
Bazimela ematyholweni emyezweni
apho. 9UNdikhoyo uThixo wayibiza
indoda, wathi: "Ùphi?"
10Yaphendula yathi: "Ndive isandi
sokuza kwakho, ndaza ndoyika
ndazimela, kuba ndihamba ze."
11Uthe uThixo: "Ùve ngabani
ukuba uhamba ze? Utyile kulaa
mthi bendithe uze ungatyi kuwo?"
12Ithe indoda ukuphendula:
"Ngulo mfazi ùndinike yena
lo úndiphileyo, nam ke ndatya."
13UNdikhoyo uThixo wambuza
umfazi esithi: "Ùyenzele ntoni
into enje?"
Uphendule umfazi wathi:
"Ndikhohliswe yinyoka,[l] nam ke
ndatya."

*UThixo uwisa isohlwayo*

14*UNdikhoyo uThixo uthe kuyo
inyoka:
"Ngenxa yesi senzo uqalekisiwe
wena kuzo zonke izilo.
Ukususela ngoku
uya kurhubuluza ngesisu,
utye uthuli bonke ubomi bakho.
15Ndiza kudala ubutshaba
phakathi kwakho nomfazi.[m]
Inzala yakho neyakhe
ziya kuhlala zithiyene.
Yona yokucumza intloko;
wena woyiluma isithende."

16Waza wathi kuloo mfazi:
"Wena uza kuthwala ubunzima
ngakumbi xa ukhulelwe,
udliwe yinimba xa uzalayo.
Noko kunjalo umyeni wakho
ùya kumlangazelela,
lo gama ayinkosi yakho."

*j)* Mat 19:5; Marko 10:7-8; 1 Kor 6:16; Efese 5:31 *k)* SiTyh 12:9; 20:2
*l)* 2 Kor 11:3; 1 Tim 2:14 *m)* SiTyh 12:17

17 Uthe endodeni uThixo:
"Wena uve umkakho,
watya kumthi ebendithe kuwe
uze ungatyi kuwo.
Ngenxa yento oyenzileyo ke
úqalekisiwe ngoku umhlaba.
Ùya kusebenza nzima
bonke ubomi bakho,
ukuze umhlaba uvelise ukutya.
18 Kohluma ukhula nenkunzane.[n]
Uya kufa yindlala,
utye umfino.
19 Uya kutya ukubila kwakho
ude ubuyele kwakuloo mhlaba
wawuthathwe kuwo.
Wênziwa ngomhlaba;
ke uya kubuya ube ngumhlaba."

20 UAdam[o] wamthiya igama
umkakhe, wathi nguEfa,[p] kuba
kaloku luzalwa nguye lonke uluntu.
21 UNdikhoyo uThixo wabenzela
izambatho zesikhumba senyamakazi,
wabambesa zona ooAdam noEfa.

*Ukugxothwa kuka-Adam noEfa emyezweni*

22 Wathi ke *uNdikhoyo uThixo:
"Umntu ngoku unjengathi,
uyakwazi ukucalula okuhle kokubi.
Kuya kuthini ke xa athe wakha,
watya kumthi wobomi,[q] aze aphile
angaze afe?" 23 UNdikhoyo uThixo
wamgxothela ngaphandle komyezo
umntu, wamenza umlimi womhlaba
avele kuwo. 24 Kwicala
elingasempumalanga lomyezo uThixo
wabeka *izithunywa ezimaphiko
nekrele elidangazelayo, elijika-jika
lijonge kwiimbombo zonke.
Zazilinde ukuba kungabikho bani
usondelayo kumthi wobomi.

Xhosa
© BIBLE SOCIETY OF SOUTH AFRICA 1996
Published by the Bible Society of South Africa
ISBN 0 7982 1158 X
ISBN 0 7982 1159 8
ISBN 0 7982 1160 1

*n)* Hebh 6:8 *o)* Oko kukuthi "uLuntu" *p)* Oko kukuthi "uNøluntu" *q)* SiTyh 22:14
*r)* Oko kukuthi "uFumanekile" *s)* Hebh 11:4 *t)* Mat 23:35; Luka 11:51; 1 Yoh 3:12